



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

NOVEMBA 2015

AMANQAKU: 100

IXESHA: Iiyure 2½

Olu viwo lunamaphepha ama-6.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linama CANDELO AMATHATHU:


ICANDELO A: Isincoko	(50)
ICANDELO B: Umhlathi omde	(30)
ICANDELO C: Umhlathi omfutshane	(20)
2. Phendula umbuzo ube MNYE kwicandelo ngaliNYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo njalo), hlela uze ulungise iimpazamo kumsebenzi wakho. Uyilo maluvele phambi kokubhalwa kwetekisi nganye.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawuphawulwe njengoyilo ulungenise nomsebenzi wakho. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlezileyo kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. Uyacetyiswa ngqongqo ukuba usebenzise malunga nama:
 - 80 emizuzu kwiCANDELO A
 - 40 emizuzu kwiCANDELO B
 - 30 emizuzu kwiCANDELO C
8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kweli phepha lemibuzo.
9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.
10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiwego.
11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: ISINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo, uze ubhale isincoko esinamagama ali-190 ukuya kuma-240.


- | | | |
|-----|---|------|
| 1.1 | Ubulumko. | [50] |
| 1.2 | Ndonwaba kakhulu ngaloo mini. | [50] |
| 1.3 | Ubungozi beziyobisi. | [50] |
| 1.4 | Mayinxitywe okanye inganxitywa iyunifom ezikolweni. | [50] |
| 1.5 | Amava andenza ukuba ndibe ngulo mntu ndinguye. | [50] |
| 1.6 | Ubuholobo benene abuphelelwa. | [50] |
| 1.7 | Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Nika isihloko isincoko sakho. | |

1.7.1

[Uthathwe ku-www.googlepics.com]

[50]

1.7.2



[Uthathwe ku-www.givegain.com]

[50]

AMANQAKU ECANDELO A:

50

ICANDELO B: UMHLATHI OMDE**UMBUZO 2**

Khetha isihloko sibe SINYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omde ngaso. Ubude mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100.

2.1 ILETA YOBUHLOBO

Bhala iletu yovelwano eya kumhlobo wakho ongaphumelelanga ibanga leshumi.

[30]

2.2 IOBHITSHUWARI

Bhala iobhitshuwari yombhali weencwadi omkhethileyo.

[30]

2.3 IAJENDA NEMIZUZU

Bhala iajenda nemizuzu yentlanganiso ebe niyibambe nenqununu malunga nemicimbi echaphazela isikolo senu.

[30]

2.4 UDLIWANONDLEBE

Bhala udliwanondlebe phakathi kwentatheli kaMabonakude kunye nemvumi eyaziwayo.

[30]

AMANQAKU ECANDELO B: **30**

ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE**UMBUZO 3**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omfutshane ngaso. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 (umxholo kuphela).

3.1 IPOWUSTA

Bhala ipowusta yokwazisa ngekonsathi yeekwayala zecawe eza kubanjelwa kwibala lezemidlalo elikufutshane kuwe.

[20]


3.2 UNGENISO LWEDAYARI

Bhala ungeniso lwedayari yakho lweentsuku ezintlanu obutyelele ngazo kwenye yeedolophu ezinkulu zoMzantsi Afrika, ubalule iindawo ezahlukeneyo obuzihambile.

[20]

3.3 IZALATHISI

Bhala isalathisi sokubonisa umhlobo wakho ohamba ngeenyawo indlela esuka *eCentral Station isiya eMagistrates Court*, ahambe ngesitalato *iChurch* adlule ngase *Town Hall*.

[Uthathwe ku-[Google maps.com](https://www.google.com/maps)]

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 100